



Izinto Eziyimfuneko

Story Power - Wazise ekhaya amandla ebali

Ukufunda nokubalisa amabali kunye nabantwana abasebomini bakho sesinye sezipho ezinamandla onokubapha sona. Amabali esiwaphulaphulayo nesiwafundayo xa singabantwana asanceda ukuba sibe ngabantu abazinzileyo esingabo. Kodwa zikwakhona nezinye iinzuzo ezininzi ezifumaneka ekwabelaneni ngamabali kunye nabantwana.

IZINTO EZILI-15 EZIBALULEKILEYO ESIZIZUZA EMABALINI

1. Ukwabelana ngamabali kusanceda siphembelele uthando nokusondelelana nabantwana bethu. Kwenza baqonde ukuba sicinga ukuba babaluleke ngokwaneleyo ukuba singade sibekele bucala ixesha lokuhlala nabo sibalisa okanye sifunda amabali kunye nabo.
2. Amabalianceda ukuphuhlisa imifanekiso-ntelekelelo kunye nezenzo zobugcisa ebantwaneni.
3. Amabalianceda ukuphuhlisa ulwimi kunye nokucinga kwabantwana, ngakumbi xa amabali lawo bewamamela okanye bewafunda ngeelwimi zabo zeenkobe.
4. Amabaliabonelela abantwana ngemizekelo yeendlela abantu abamelana ngazo nemiceli mngeni abajongene nayo.

SIBALISELE ELAKHO IBALI

Ingaba iincwadi zibe nafuthe lini kubomi bakho nobabantwana bakho? Ingaba zikuncedile wakwazi ukucacisela umntwana wakho ngemeko ethile enzima kusini na? Okanye ingaba ukufumana elona bali lithabathekayo kubakhuthazile kusini na abantwana bakho ukuba bafunde kwaze kwanceda nokuphucula ukufunda kwabo esikolweni? Sazise ku-Facebook (www.facebook.com/nalibaliSA), okanye ku-Twitter (www.twitter.com/nalibaliSA) usebenzisa i-hashtag engu-#StoryPower, ukuze ke sikwazi ukushicilela indlela amabali abe nefuthe ngayo ebomini bakho kuhlelo lukaNalibali lokufundela ukuzonwabisa okanye kwiwebhusayithi yethu.



T: +27 (21) 448 6000

E: info@nalibali.org

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)



5. Abantwana abakonwabelayo ukufundelwa ekhaya, banamathuba amaninzi okukhuthazeka ukuba babenomdla wokuzifundela ngokwabo. Xa imidla yabantwana iphezulu, bafunda lula nangakumbi.
6. Xa abantwana begqiba iminyaka emibini ubudala, sele befunde ama-75% ezinto abaza kuzifunda ubomi babo bonke. Ngoko ke, nokuba usana lwakho luntlantlatha incwadi eyenziwe ngekhadibhodi okanye umntwana wakho osabhadazayo ufuna ukuba umbalisele ibali elinye uliphinda-phinde, xa ufunda kwaye ubalisa amabali, abantwana bakho bazuza ulwazi olubaluleke kakhulu malunga nolwimi kunye namabali aza kuba lulutho kakhulu kubo xa bebadala.
7. Ukufunda ngokuvakalayo nabantwana kwaziwa njengowona msetyenzana ubalulekiyo wokwakha ulwazi nezakhono abaza kuzidinga xa befunda ukufunda.
8. Imizuzu nje eli-15 ngosuku ufundela abantwana bakho kungabavulela ithuba lokufunda amagama abhaliweyo asisigidi sonke ngonyaka!
9. Ukubalisa amabali nokufunda kunika inkanyiso abantwana ngokuphathelele kuhlobo oluthile lolwimi olutyebileyo noluntsokothileyo. Kwenza nzulu ulwazi lwabo lolwimi olusulungekileyo nendlela yokulusebenzisa, kwaye kubanika nezinye iindlela ezintsha zokuthetha nokuvakalisa izimvo zabo.



10. Uphando lubonakalisa ukuba abantwana abafundelwayo ekhaya phambi kokuba baqale esikolweni banamathuba amaninzi empumelelo ngethuba besesikolweni.
11. Abantwana bangaqhubeka babe ngabafundi xa bephuma kumakhaya apho iincwadi nokufunda kuxatyisiweyo.
12. Abantwana abamamela amabali, nokuba ngamabali abaliswayo okanye afundwayo, ngabokuqala ukwakha iingqikelelo ezingaphathekiyo kwizifundo ezohlukileyo esikolweni. Ngamanye amazwi, ukumamela amabali kuyayivula ingqondo yakho!
13. Abantwana abafunda kakhulu endaweni yokubukela umabonwakude, bangakwazi ukugqala bajongane nomsebenzi ixesha elide.
14. Abantwana babazali neempelesi ezikholelwa ukuba ukufunda yinto oyenzela ukuzonwabisa, baza kuba neengcinga ezakhayo malunga nokufunda kunabantwana babazali abacinga ukuba ukufunda yingqokelela nje yezakhono.
15. Xa amabali nokufunda ebona bazive bonwabile abantwana, baba ngabafundi. Sonke ziyaziphinda-phinda izinto esiziva zimnandi.

